



rural development  
& agrarian reform

Department:  
Rural Development & Agrarian Reform  
PROVINCE OF THE EASTERN CAPE

# ISEBE LOPHUHLISO LWASEMAPHANDLENI KUNYE NOHLAZIYO LWEZOLIMO

---

## Incwadana yoMthetho wokuKhuthaza ukuFikelela kuLwazi (i-PAIA)

Ilungiselelwe ngokweCandelo le-14 loMthetho wokuKhuthaza ukuFikelela kuLwazi, 2000 (uMthetho No.2 ka-2000 (njengoko ulungisiwe)

# IZIQULATHO

---

1.	INKCAZELO.....	3
2.	INJONGO YENCWADANA.....	4
3.	UKUSEKWA KUNYE NOKUGUNYAZISWA KWE-DRDAR.....	4
4.	UKWAKHIWA KWE-DRDAR.....	7
5.	IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO ZE-DRDAR .....	10
6.	IINKCUKACHA EZINGUNDOQO ZOQHAGAMSHELWANO .....	11
7.	INKQUBO YOKUFAKA ISICELO .....	12
7.4	Izicelo ezenziwa ngomnxeba .....	14
7.5	Iirekhodi ezingenakufunyanwa okanye ezingekhoyo .....	14
7.6	Ukulahlwa kweRekhodi.....	15
8.	IZILUNGISO EZIKHOYO NGOKUBHEKISELELE KWIZENZO .....	15
8.1.	Isibheni sangaphakathi.....	15
8.2.	Isikhalazo kuMlawuli woLwazi .....	16
8.3.	Ukuya kwinkundla yamatyala.....	17
9.	ISIKHOKELO SOMLAWULI WOLWAZI .....	17
10.	IIREKHODI EZIGCINWE YI-DRDAR.....	18
11.	IIREKHODI ZE-DRDAR EZIFUMANEKA NGAPHANDLE KOKUBA UMNTU AFAKE ISICELO SOKUFIKELELA .....	20
12.	UKUJONGWA KWEENKCUKACHA ZOBUQU .....	21
12.1.	Injongo yokuJongwa.....	21
12.2.	Iindidi zeDatha yoMntu kunye neeNkcukacha zabo zoBuqu.....	21
12.3.	Iindidi zabamkeli bokuJonga iiNkcukacha zoMntu .....	22
12.4.	Ukudluliswa kweeNkcukacha zoMntu ziye kwamanye amaZwe.....	23
12.5.	Amanyathelo okuKhuselwa kweeNkcukacha.....	23
13.	UKUFUMANEKA KWENCWADANA .....	23
14.	UKUHLAZIYWA KWENCWADANA .....	24
15.	APPENDIX .....	24
15.1.	APPENDIX A – FORM 2.....	24
15.2.	APPENDIX B – FORM 3.....	30
15.3.	APPENDIX C – FEES .....	34
15.4.	APPENDIX D – INTERNAL APPEAL FORM .....	36
15.5.	APPENDIX E – COMPLAINT FORM.....	39

## 1. INKCAZELO

<b>Igama/ isishunqulelo</b>	<b>Ingcaciso</b>
<b>Isebe/ i-DRDAR</b>	ISebe leMpuma Koloni loPhuhliso lwasemaPhandleni kunye noHlaziyo lwezoLimo
<b>I-DIO</b>	Isekela Gosa loLwazi
<b>Isikhokelo</b>	Isikhokelo se-PAIA soMlawuli woLwazi
<b>I-HOD</b>	Intloko yeSebe
<b>I-IO</b>	IGosa loLwazi
<b>Incwadana</b>	Incwadana ye-DRDAR
<b>U-MEC</b>	Ilungu leBhunga leSigqeba esiLawulayo elijongene ne-DRDAR
<b>I-PAIA</b>	Ukukhuthaza ukuFikelela kuLwazi
<b>Iinkcukacha Zobuqu</b>	iinkcukacha ezinxulumene nomntu obonakalayo, ophilayo, wemvelo njengoko kuchaziwe kwicandelo 1 le-PAIA
<b>I-POPIA</b>	uMthetho wokuKhusela iiNkcukacha zoBuqu, Nomb. 4 ka-2013
<b>Umlawuli</b>	Umlawuli woLwazi
<b>Umfaki-sicelo</b>	Nawuphi na umntu owenza isicelo sokufikelela kwirekhodi lelo ziko likarhulumente okanye umntu osebenza egameni lomntu owenza isicelo sokufikelela kwirekhodi

## 2. INJONGO YENCWADANA

Incwadana ye-PAIA iphuhliswa njengoxwebhu olukhokelayo kwaye iluncedo kuluntu:

- 2.1. ukukhangela uhlobo lweerekhodi ezinokuthi kanti sele zifumaneka kwi-DRDAR, ngaphandle kwesidingo sokufaka isicelo esisemthethweni se-PAIA;
- 2.2. ukuba baqonde ngendlela yokwenza isicelo sokufikelela kwirekhodi le-DRDAR;
- 2.3. ukufikelela kuzo zonke iinkcukacha zoqhagamshelwano ezibandakanyekayo zabantu abaya kuncedisa uluntu ngeerekhodi abazimisele ukufikelela kuzo;
- 2.4. ukuba lazi zonke izilungiso ezikhoyo ezivela kwi-DRDAR malunga nezicelo zokufikelela kwiirekhodi, phambi kokuya kuMlawuli okanye kwiiNkundla zaMatyala;
- 2.5. ukufumana ingcaciso malunga neenkonziso ezifumaneka kuluntu ezivela kwi-DRDAR, kunye nendlela yokufikelela kwezo nkonzo;
- 2.6. ukufumana ingcaciso yesikhokelo sendlela yokusebenzisa i-PAIA, njengoko ihlaziywe nguMlawuli kunye nendlela yokufikelela kuso;
- 2.7. lazi ukuba i-DRDAR iza kuzijonga nha iinkcukacha zomntu, injongo yokujongwa kweenkcukacha zomntu kunye nengcaciso yeendidi zedatha yomntu kunye nolwazi okanye iindidi zeenkucukacha ezinxulumene noko;
- 2.8. lazi ukuba i-DRDAR icwangcise ukudlulisela okanye ukuzijonga na iinkcukacha zomntu ezingaphandle kwiRiphabliki yoMzantsi Afrika kunye nabantu abafumana okanye iindidi zabantu abafumana iinkcukacha zomntu; kwaye
- 2.9. lazi ukuba i-DRDAR inamanyathelo afanelekileyo na okhuseleko ukuze kuqinisekiswa ukufihlwa, ukuthembeka kunye nokufumaneka kweenkcukacha zobuqu ekufuneka zijongwe.

## 3. UKUSEKWA KUNYE NOKUGUNYAZISWA KWE-DRDAR

Umyalelo wesebe uvela kwicandelo lama-27(1) (b) kunye nele-2 loMgaqo-siseko: "uthatha imithetho efanelekileyo kunye namanye amanyathelo, ngaphakathi kwizibonelelo zalo ezikhoyo, ukufezekisa inkqubela-phambili yelungelo (lomntu wonke) lokufikelela ekutyeni okwaneleyo". ISebe lePhondo leMpuma Koloni loPhuhliso lwasemaPhandleni kunye noHlaziyo lwezoLimo liyinxalenye ebalulekileyo yeeNkonzo zikaRhulumente woMzantsi Afrika ezisekwe ngokwecandelo le-197 loMgaqo-siseko kwaye lifundwa necandelo lesi-7 (1) kunye nele-7 (2) loMthetho weNkonzo zikaRhulumente ka-1994.

Icandelo loMgaqo-siseko woMzantsi Afrika le-197 (1) libonisa ukuba, kulawulo lukarhulumente kukho iinkonzo zikarhulumente weRiphabliki ekufuneka zisebenze kwaye zakhiwe. Inyanzela ukuba iinkonzo zikarhulumente ziphumeze imigaqo-nkqubo karhulumente wangoku. UMgaqo-siseko woMzantsi Afrika ufuna ukuba amasebe karhulumente acwangcise iinkqubo zawo zokunikeza ngeenkonzo.

UMgaqo-siseko woMzantsi Afrika wahlula iinkonzo zophuhliso lwentlalo-noqoqosho zibe kwimimandla emithathu karhulumente: ummandla wesizwe, ummandla wephondo kunye nakummandla wengingqi. Umyalelo wooRhulumente bePhondo kukuqinisekisa ukunikezwa kweenkonzo kunye nenkxaso kuMmandla kaRhulumente weNgingqi.

Umyalelo wesebe kukuba:

- Ixhase kwaye ikhuthaze uphuhliso lwamashishini kwiindawo ezisemaphandleni kusetyenziswa i-Arhente yoPhuhliso lwamasePhandleni yeMpuma Koloni (i-ECRDA) njenge-arhente yokuphumeza iiProjekthi zeMpembelelo ePhezulu (i-HIPS) nezibonelela ngembuyekezo ephezulu kutyalo-mali;
- Iququzelele uPhuhliso lwasemaPhandleni olucwangcisa kwaye lulungelelanise imisebenzi yophuhliso lwasemaphandleni, ikhuthaze iindibano zoluntu, iqalise iinkqubo zokwakha izakhono, ixhase amashishini asemaphandleni kunye nemisebenzi yasemaphandleni engeyiyo eyasefama, yandise ukuthatha inxaxheba kwabantu basemaphandleni kunye neendibano kwezintlalo kunye nokutsala utyalo-mali lwasemaphandleni kunye nentsebenziswano, idlulisele abantu, ibeke esweni, ivavanye kwaye inike ingxelo;
- Idale imisebenzi yexesha elifutshane (iziseko zezolimo) ngeSibonelelo esiHlanganisiweyo samaPhondo kwiNkqubo yeMisebenzi yoLuntu eyaNdisiweyo (i-EPWP) kunye nangeNkqubo eXhasa eZolimo (i-CASP) esisibonelelo esinemiqathango;
- Yandise imveliso yezityalo kwaye iphucule imveliso;
- Isebenzise iinkqubo zokuxilonga zetheknoloji, ukuxilonga kunye nokuphanda malunga nezifo ezibalulekileyo zezilwanyana kuqoqosho lwephondo kunye nezifo ze-zoonotic ezinokubangela ubungozi kwimpilo yabantu;
- Kukuxhasa amaphulo ophuhliso lwabantu ukwenzela ukunyusa izakhono kwicandelo lezolimo kweli phondo ngokuphunyezwa kwesiCwangciso-qhinga seCandelo leMfundo kunye noQeqesho kwezoLimo;
- Yandise inkxaso yophando kubalimi bezorhwebo kunye nabasakhulayo ukunyusa iimveliso kunye nokuphucula ukufikelela kwiinkonzo zentengiso; kwaye,

- Ibonelele ngoqeqesho kwezolimo kubalimi bezorhwebo, kumafama asakhulayo, kubafundi bezolimo kunye nakubantu abahlala kwiindawo ezisemaphandleni.

## **UMBONO**

Icandelo lezolimo elizinzileyo lidibanisa uphuhliso lwasemaphandleni kunye nokhuseleko lokutya kubantu bonke.

## **IINJONGO**

Ukuphucula imveliso yezolimo ukuze kuvuselelwe uphuhliso lwezoqoqosho, ukhuseleko lokutya kunye nophuhliso lwasemaphandleni oluhlanganelweyo ngokusebenzisa:

- Uphuhliso lwasemaphandleni oluhlanganelweyo.
- Ukuhlaziywa kwezolimo (agrarian).
- Ubomi obuzinzileyo.
- Ukuxhasa utshintsho kumhlaba kusenzelwa imveliso kwezolimo.
- Ukuququzelela ubambiswano ukuze kuthengiswe kwaye kuguqulwe icandelo lezolimo.
- Ukwenza izinto ntsha, uphando, uphuhliso lwetheknoloji ukuze kwandiswe imveliso kunye nokhuphiswano; kunye
- nokuFikelela kumathuba kusenzelwa ulutsha, amabhinqa kunye namanye amaqela asemngciphekweni

## **IINDLELA ZOKUZIPHATHA**

**Ubunkokheli:** Sikhokela ngokuhlonipha iinkolelo kunye neendlela zokuziphatha, kwaye sikhokela ngesidima kunye nokuhlonipha amalungelo abanye.

**Ukunyaniseka & neNtembeko:** Sizibophelele ukuba senze izinto elubala nabo bonke abachaphazelekayo.

**Ukwenza izinto ezintsha:** Sizibophelele ukugcina uphuhliso olutsha kwiinkalo ezifanelekileyo zobungcali kunye nokwenza izinto ezintsha ukuphumeza igunya leSebe.

**Ukugqwesa:** Sizimisele ukwenza ngaphaya koko kulindelwe ngabathengi bethu ukwenzela umgangatho, ukuphendula, ukusebenza kakuhle kunye neenkonzelo ezigqwesileyo.

Ukusebenza kunye "**Bambisanani**": Sikholelwa ukuba ukudityaniswa kwemizamo yethu kuya kuba lukhulu kunenani lomzamo womntu omnye.

**Ukuhloniphana:** Siyalixabisa igalelo lomnye njengoko sifuna ukufezekisa umbono kunye neenjongo zeSebe.

**Ijolise eBantwini:** "Bonke abantu esisebenza nabo, siya kusebenzisana nabo ngokufanelekileyo nangokulinganayo".

#### **4. UKWAKHIWA KWE-DRDAR**

Ukwakhiwa kwe-DRDAR kuqulathe i-Ofisi eyiNtloko ebekwe eBhisho kunye nee-ofisi zengingqi ezi-6 (ezintandathu) ezibekwe koomasipala bengingqi abathandathu bephondo, kumaZiko oPhando kunye nakwiikholeji zoqeqesho/kumaZiko, amagama wazo angala:

Sarah Baartman District

O.R. Tambo District

Joe Gqabi District

Chris Hani District

Amathole District

Alfred Nzo District

Dohne Research Institute

Tsolo Agricultural College

Mpofu Training Centre

ISebe lineeNkqubo eziPhambili ezi-8 kunye neenkqubo ezincinci ezingama-26 apho ungenelelo lonikezelo lweenkonzo lwenziwa khona

*Ulawulo*

- Iofisi ka-MEC
- Ulawulo oluPhezulu
- linkonzo zeNkampani
- Ulawulo lwezeMali
- linkonzo zoNxibelelwano

*Ulawulo lweZibonelelo oluZinzileyo*

- linkonzo zobunjineli
- Ukunakekelwa komhlaba
- Ulawulo lokusetyenziswa komhlaba
- Ulawulo loMngcipheko weNtlekele

*Inkxaso kunye noPhuhliso loMvelisi wezoLimo*

- Ukuhlaliswa kwabalimi kunye noPhuhliso
- Ulwandiso kunye neeNkonzo zeNgcebiso
- Ukhuseleko lokutya

*linkonzo zezilwanyana*

- Impilo yezilwanyana
- Ulawulo lokuthumela ngaphandle
- Impilo yoLuntu ngakwiZilwanyana
- linkonzo zeLebhu yeZilwanyana

*linkonzo zoPhuhliso loPhando kunye nolweTekhnoloji*

- Uphando
- linkonzo zokuhanjiswa kweTekhnoloji
- linkonzo zeNkxaso yeZiseko

*iiNkonzo zoQoqosho lwezoLimo*

- Uqoqosho lweMveliso kunye neNkxaso yeNtengiso
- Inkxaso ye-Agro-Processing
- Inkxaso ye-Macro-economic (uqoqosho kwinqanaba elincinci)



*Imfundo kunye noQeqesho oluCwangcisiweyo kwezoLimo*

- Imfundo Ephakamileyo kunye noQeqesho
- Uphuhliso lweZakhono kwezoLimo

*Uphuhliso lwaseMaphandleni*

- Ukulungelelaniswa koPhuhliso lwaseMaphandleni
- Ukuququzelela uluntu

***Ulawulo***

- Iofisi ka-MEC
- Ulawulo oluPhezulu
- linkonzo zeNkampani
- Ulawulo lwezeMali
- linkonzo zoNxibelelwano

*linkonzo ezinikezelwa ziinkqubo nendlela yokufumana ukufikelela kwiinkonzo:*

***Ulawulo lweZibonelelo oluZinzileyo***

- linkonzo zobunjinieli
- Ukunakekelwa komhlaba
- Ulawulo lokusetyenziswa komhlaba
- Ulawulo loMngcipheko weNtlekele

***Inkxaso kunye noPhuhliso loMvelisi wezoLimo***

- Ukuhlaliswa kwabalimi kunye noPhuhliso
- Ulwandiso kunye neeNkonzo zeNgcebiso
- Ukhuseleko lokutya

***linkonzo zezilwanyana***

- Impilo yezilwanyana
- Ulawulo lokuthumela ngaphandle
- Impilo yoLuntu ngakwiZilwanyana
- linkonzo zeLebhu yeZilwanyana

***linkonzo zoPhuhliso loPhando kunye nolweTekhnoloji***

- Uphando

<ul style="list-style-type: none"> <li>linkonzo zokuhanjiswa kweTekhnoloji</li> <li>linkonzo zeNkxaso yeZiseko</li> </ul>	
<p><b>linkonzo zoQoqosho kwezoLimo</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>Uqoqosho lweMveliso kunye neNkxaso yeNtengiso</li> <li>Inkxaso ye-Agro-Processing</li> <li>Inkxaso ye-Macro-economic (uqoqosho kwinqanaba elincinci)</li> </ul>	
<p><b>Imfundo kunye noQeqesho oluCwangcisiweyo kwezoLimo</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>Imfundo Ephakamileyo kunye noQeqesho</li> <li>Uphuhliso lweZakhono kwezoLimo</li> </ul>	
<p><b>Uphuhliso lwaseMaphandleni</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>Ukulungelelaniswa koPhuhliso lwaseMaphandleni</li> <li>Ukuququzelela uluntu</li> </ul>	

## 5. IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO ZE-DRDAR

<b>IOFISI EYINTLOKO</b>	
<b>Idilesi yePosi</b>	Department of Rural Development and Agrarian Reform Private Bag X0040 BHISHO 5606
<b>Idilesi yeNdawo</b>	10th Floor Dukumbana Building Independence Avenue BHISHO

	5606 I-imeyile: <a href="mailto:Chera-Lee.Oliver@drdar.gov.za">Chera-Lee.Oliver@drdar.gov.za</a> <a href="mailto:PAIA@drdar.gov.za">PAIA@drdar.gov.za</a> <a href="mailto:POPIA@drdar.gov.za">POPIA@drdar.gov.za</a>
--	--

## 6. IINKCUKACHA EZINGUNDOQO ZOQHAGAMSHELWANO

ISEKELA GOSA LOLWAZI	IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO
Mr Bongikhaya Dayimani INTloko yeSebe eliBambela Department of Rural Development and Agrarian Reform	10th Floor Dukumbana Building Independence Avenue BHISHO 5606 Umnxeba: +27 (0) 40 602 5006/7 I-imeyile: <a href="mailto:Bongikaya.Dayimani@drdar.gov.za">Bongikaya.Dayimani@drdar.gov.za</a> <a href="mailto:Chera-Lee.Oliver@drdar.gov.za">Chera-Lee.Oliver@drdar.gov.za</a> <a href="mailto:PAIA@drdar.gov.za">PAIA@drdar.gov.za</a>

- 6.1. Izicelo mazifakwe ngesandla okanye zithunyelwe nge-imeyili kwiSekela Gosa loLwazi le-DRDAR, elithunyelwe liGosa loLwazi lePhondo ukuba lijongane nazo zonke izicelo egameni le-DRDAR.
- 6.2. Abafaki-zicelo bayakhuthazwa ukuba bathumele izicelo zolwazi nge-imeyile apho kunokwenzeka. Xa kusetyenziswa iinkonzo zeposi, kunyanzelekile ukuba kusetyenziswe iposi ebhalisiweyo. Kubalulekile ukuba ubungqina beposi ebhalisiweyo bugcinwe kwaye bunikezwe xa bucelwa.
- 6.3. Xa iileta zihanjiswa ngesandla, nceda uqinisekise ukuba iileta zifakwe isitampu kwaye ziyasayinwa e-DRDAR njengobungqina bokungeniswa kunye nomhla wazo.

## 7. INKQUBO YOKUFAKA ISICELO

### **7.1 Ungasenza njani isicelo sokufikelela kwirekhodi?**

- Umfaki-sicelo kufuneka agcwalise ngokufanelekileyo **iFomu 2** neqhotyoshelwe **njengesihlomelo A** aze ayingenise kwiSekela Gosa loLwazi (i-DIO) kwidilesi ebhalwe kwiphepha lesi-9 elingentla, ukwenzela ukuba impendulo ithunyelwe kumfaki-sicelo.
- ISekela Gosa loLwazi kufuneka lincedise umfaki-sicelo, ukuba umfaki-sicelo ufuna uncedo ngenkqubo okanye ngokugcwalisa ifomu, kubandakanywa nabafaki-sicelo abangafundanga okanye abakhubazekileyo.
- Umfaki-sicelo kufuneka anikeze ngeenkukacha ezaneleyo zolwazi olucelwayo kwifomu yesicelo ukuze iSekela Gosa loLwazi likwazi ukuchonga ulwazi okanye iirekhodi ezo kunye nomfaki-sicelo.
- Umfaki-sicelo kufuneka kwakhona abonise ukuba uyayifuna na ikopi yerekhodi okanye ukuba ufuna ukuza kwaye aphonononge irekhodi kwii-ofisi zeziko likarhulumente. Nangenye indlela, ukuba irekhodi ayilophepha ngoko ke inokujongwa ngendlela ecelwe ngayo, apho kunokwenzeka.
- Ukuba umfaki-sicelo ucela ukufikelela ngendlela ethile (umzekelo: ibe yikopi eliphepha, ikopi e-elektroniki, njl.njl.) ngoko ke umfaki-sicelo kufuneka afumane ukufikelela ngaloo ndlela acele ngayo. Oku kungenziwa, ngaphandle kokuba ukwenza njalo kuya kuphazamisa ngokungekho ngqiqweni ukuqhutywa kweziko likarhulumente elichaphazelekayo, okanye konakalise irekhodi, okanye kwaphulwe ilungelo lokushicilela nangenalo urhulumente. Ukuba ngenxa yezizathu ezikhoyo ukufikelela akunakwenziwa ngendlela ekucelwe ngayo kodwa kunokwenziwa ngenye indlela, ngoko ke intlawulo kufuneka ibalwe ngokwendlela umfaki-sicelo acele ngayo kuqala.
- Ukuba, ukongeza kwimpendulo ebhaliweyo kwisicelo sabo serekhodi, umfaki-sicelo ufuna ukuxelelwa ngesigqibo nangayiphi na enye indlela, umz. ngomnxeba, oku kufuneka kuboniswe.
- Ukuba umfaki-sicelo ucela ulwazi egameni lomnye umntu, amandla kunye nobungqina begunya elo apho kwenziwe khona isicelo kufuneka buboniswe, kwaye bunikezwe ngendlela efanelekileyo ngokubhaliweyo.
- Umfaki-sicelo kufuneka abonise ukuba unqwenela ukwaziswa na ngesigqibo sesicelo ngendlela ethile kwaye kufuneka anikeze ngeenkukacha.

- Isicelo masingabi seseerekhodi ezixhomekeke kwizizathu zokwaliwa njengoko kuchaziwe phantsi kweSahluko sesi-4 se-PAIA.
- ISekela Gosa loLwazi kufuneka lenze isigqibo kwiintsuku ezingama-30 emva kokufumana isicelo kwaye lazise umfaki-sicelo ngesigqibo.
- ISekela Gosa loLwazi linokwandisa ixesha leentsuku ezingama-30 kube kanye kangangeentsuku ezingama-30 ezongezelweyo. ISebe kufuneka lazise umfaki-sicelo ngolwandiso olunjalo kunye nezizathu zako.

#### **7.1.1 Iziqhuboshelo ezifunekayo:**

Umfaki-sicelo kufuneka anikwe ukufikelela kwiirekhodi ze-DRDAR ukuba eso sicelo sihambelana **nazo zonke iimfuno zenkqubo**, ukuba nje ukufikelela kwelo rekhodi akwaliwa nangaziphi na izizathu njengoko kuchaziwe kwiSahluko sesi-4 se-PAIA .

#### **7.1.2 Ifomu 2 egcwalisiweyo (Isihlomelo A).**

7.1.3 Ukuba isicelo senziwe egameni lomnye umntu okanye lequmrhu, ngoko ke ubungqina bamandla apho umfaki-sicelo enza eso sicelo, mabuqhotyoshelwe kwiFomu 2.

7.1.4 Ikopi eqinisekisiweyo yesazisi yomfaki-sicelo.

7.1.5 Ubungqina bokuhlululwa kwemirhumo efunekayo.

### **7.2Imirhumo ehlawulelwa isicelo kunye nesaziso sesigqibo malunga nokufikelela.**

- Wonke umfaki-sicelo ongenguye umfaki-sicelo buqu kufuneka ahlawule umrhumo wesicelo oli-R100 (okanye njengoko unokutshintshwa amaxesha ngamaxesha ngesaziso esibhaliweyo) ngokubhekiselele kwisicelo ngasinye sokufikelela kulwazi okanye kwisibheni sangaphakathi esingeniswe kwiSekela Gosa loLwazi.
- ISekela Gosa loLwazi kufuneka lazise umfaki-sicelo (ngaphandle komfaki-sicelo buqu) ngesaziso, afune ukuba umfaki-sicelo ahlawule umrhumo wesicelo omiselweyo (ukuba ukhona) phambi kokuqhubela phambili nesicelo.
- Umfaki-sicelo unokufaka isibheni sangaphakathi, apho kufanelekileyo, okanye isicelo enkundleni yamatyala ngokuchasene nethenda okanye nentlawulo yomrhumo.

- Emva kokuba uSekela Gosa woLwazi enze isigqibo ngesicelo, umfaki-sicelo kufuneka aziswe ngeso sigqibo ngendlela umfaki-sicelo awayecele ukwaziswa ngayo.
- Ukuba isicelo sivunyiwe, ngoko ke intlawulo engakumbi yokufikelela kufuneka ihlawulwe ngokuveliswa kwakhona, ngokukhangela kunye nangokulungiselela nalo naliphi na ixesha elifunekayo elingaphezu kweeyure ezimiselweyo zokukhangela kunye nokulungiselela irekhodi ukuze ichazwe.
- Ukufikelela kwirekhodi kuya kugcinwa de yonke imirhumo efanelekileyo ihlawulwe.

### **7.3 Ukuvunywa okanye ukwaliwa kwesicelo**

Umfaki-sicelo kufuneka anikwe ithuba lokufikelela kwirekhodi leziko likarhulumente ukuba umfaki-sicelo uhambelana noku kulandelayo:

- Umfaki-sicelo uthobela zonke iimfuno zenkqubo ezikuMthetho onxulumene nesicelo sokufikelela kwelo rekhodi; kwaye
- Ukufikelela kwelo rekhodi akwaliwa ngazo naziphi na izizathu zokwala ezikhankanywe kuMthetho.

### **7.4 Izicelo ezenziwa ngomnxeba**

Izicelo ezenziwa ngomnxeba zivumelekile ngokwalo Mthetho. Umfaki-sicelo, ongakwaziyo ukufunda okanye ukubhala okanye okhubazekileyo, unokwenza isicelo esinjalo kwiSekela Gosa loLwazi kwinombolo yomnxeba ebhalwe kule ncwadana. USekela Gosa woLwazi uya kuyigcwalisa le fomu egameni lomfaki-sicelo onjalo kwaye anike umfaki-sicelo loo fomu ayigcwalisileyo.

### **7.5 Irekhodi ezingenakufunyanwa okanye ezingekhoyo**

Ukuba onke amanyathelo afanelekileyo athatyathiwe ukufumana irekhodi eliceliweyo kwaye kukho izizathu ezifanelekileyo zokukholelwa ukuba irekhodi lisezandleni ze-DRDAR kodwa lilahlekile okanye lonakele okanye alisekho, ngoko ke uSekela Gosa woLwazi kufuneka ngendlela yengxelo efungelweyo axelele umfaki-sicelo ukuba ukufikelela kwelo rekhodi akunakwenzeka.

Ingxelo efunelweyo kufuneka inike ingxelo epheleleyo yawo onke amanyathelo athatyathiweyo ukufumana irekhodi ekuthethwa ngalo okanye ukufumanisa ukuba ngaba irekhodi ikhona na, kuquka nokunxibelelana nomntu ngamnye othathe inxaxheba ekukhangeleni egameni leSekela Gosa loLwazi.

## **7.6Ukulahlwa kweRekhodi**

ISekela Gosa loLwazi linelungelo lokulahlwa ngokusemthethweni iirekhodi ezithile ngokwamagunya afunyenwe kwii-Archives and Records.

Igunya lokulahlwa: Eli ligunya elibhaliweyo elikhutshwe yi-Archivist yePhondo elichaza ukuba zeziphi iirekhodi ekufuneka zidluliselwe kwindawo yokugcina okanye elicacisa ukuba zeziphi iirekhodi ekufuneka zitshatyalaliswe/zicinywe okanye zilahlwe ngenye indlela.

Abafaki-zicelo baya kucetyiswa ukuba ngaba irekhodi elithile lilahliwe na xa oku kungena kwiirekhodi eziceliweyo.

Ngokokuhambelana necandelo lama-24(1) le-POPIA, iSekela Gosa loLwazi linokuthi, xa lifumene isicelo esivela kumntu wedatha –

lilungise okanye licime iinkcukacha zobuqu ezimalunga nomntu kwidatha ekuyo okanye ephantsi kolawulo lwayo engachanekanga, engafanelekanga, ephelelweyo, engaphelelanga, elahlekisayo okanye efunyenwe ngokungekho semthethweni; okanye litshabalalise okanye licime irekhodi leenkcukacha zobuqu ezimalunga nomntu wedatha ukuba uMlawuli akasagunyaziswanga ukuba azigcine ngokwecandelo le-14 le-POPIA.

## **8. IZILUNGISO EZIKHOYO NGOKUBHEKISELELE KWIZENZO**

### **8.1. Isibhenno sangaphakathi**

8.1.1. Apho umfaki-sicelo enganelisekanga sisiphumo sesicelo sokufikelela kulwazi, umfaki-sicelo angafaka isibhenno sangaphakathi ngokuchasene nesigqibo sikaSekela Gosa woLwazi ngokuthi agcwalise kwaye angenise

**iFomu 4 (isiHlomelo D)** zingaphelanga iintsuku ezingama-60 kuSekela Gosa woLwazi.

8.1.2. Isibheni sangaphakathi singafakwa ngokuchasene naziphi na ezi zigqibo zilandelayo zikaSekela Gosa woLwazi:

8.1.2.1. Ukwala isicelo sokufikelela;

8.1.2.2. Imirhumo ebizwayo;

8.1.2.3. Ukwandiswa kwexesha lokujongana nesicelo; kunye

8.1.2.4. Ukufikelela ngendlela ethile.

8.1.3. Umfaki-sicelo makahlawule umrhumo wesibheni sangaphakathi omiselweyo (apho ufunekayo) xa efaka isibheni. Isigqibo kwisibheni sangaphakathi sinokuthi, nangona kunjalo, sihlehliswe de umrhumo uhlawulwe.

8.1.4. Ngokukhawuleza kangangoko kunokwenzeka, kodwa kwiintsuku ezili-10 zokusebenza emva kokufumana isibheni sangaphakathi, iSekela Gosa loLwazi malingenise isibheni sangaphakathi kwiLungu leBhunga leSigqeba eliLawulayo (MEC) lesebe.

8.1.5. U-MEC makenze isigqibo ngesibheni sangaphakathi kwiintsuku ezingama-30 emva kokuba isibheni sangaphakathi sisiwe kwiSekela Gosa loLwazi.

## **8.2. Isikhalazo kuMlawuli woLwazi**

Umfaki-sicelo angafaka isikhalazo kuMlawuli woLwazi ngokuthi agcwalise ngokufanelekileyo kwaye angenise **iFomu 5 (isiHlomelo E)**, kodwa akwenze oko kuphela emva kokuba elandele zonke iinqubo zesibheni zangaphakathi ngokuchasene nesigqibo seSekela Gosa loLwazi lwe-DRDAR.



### 8.3. Ukuya kwinkundla yamatyala

Nangona i-DRDAR icebisa ukuba abafaki-zicelo bazame ukusombulula iingxabano malunga nokufikelela kulwazi ngaphandle kokuya kwiinkundla zamatyala, umfaki-sicelo unokuthi, ukuba usakhathazekile, aye enkundleni yamatyala emva kwenkqubo yesibheno yangaphakathi.

## 9. ISIKHOKELO SOMLAWULI WOLWAZI

- 9.1. Umlawuli, ngokwecandelo 10(1) le-PAIA, njengoko silungisiwe, uye wahlaziya kwaye wenza ukuba sifumaneke isikhokelo esihlaziyiweyo esimalunga nendlela yokusebenzisa i-PAIA (Isikhokelo, njengoko saqulunqwa ekuqaleni yi-SAHRC).
- 9.2. Injongo yeSikhokelo esikhankanywe ngasentla kukubonelela ngolwazi oludingekayo kuye nawuphi na umntu onqwenela ukusebenzisa naliphi na ilungelo elichazwe kwi-PAIA kunye nakwi-POPIA.
- 9.3. Esi Sikhokelo siya kunceda ngokukodwa umntu, okwabizwa ngokuba ngumntu wedatha, malunga nendlela yokufikelela kwiinkcukacha zakhe zobuqu ngokwecandelo lama-23 le-POPIA.

Isikhokelo esikhankanywe ngasentla siqulethe inkcazo

- 9.3.1. ngezinto ze-PAIA kunye neze-POPIA;
- 9.3.2. idilesi yeposi kunye nesitalato, inombolo yefowuni kunye nefeksi kwaye, ukuba ikhona,
- 9.3.3. I-imeyile yeGosa loLwazi yawo onke amaziko karhulumente, kunye
- 9.3.4. nendlela kunye nefomu yesicelo sokufikelela kwirekhodi le-DRDAR echazwe kwicandelo le-11 le-PAIA;
- 9.3.5. uncedo olukhoyo oluvela kwi-IO ye-DRDAR ngokwe-PAIA kunye nangokwe-POPIA;
- 9.3.6. uncedo olukhoyo oluvela kuMlawuli ngokwe-PAIA kunye nangokwe-POPIA;
- 9.3.7. onke amancedo akhoyo kumthetho malunga nokwenza okanye nokungaphumeleli ukwenza ngokubhekiselele kwilungelo okanye kumsebenzi onikezwe okanye obekwe yi-PAIA kunye ne-POPIA, kuquka nendlela yokufaka
  - a) isibheno sangaphakathi;
  - b) isikhalazo kuMlawuli;
  - c) isicelo enkundleni ngokuchasene nesigqibo esenziwe liGosa loLwazi

d) Igosa leziko likarhulumente, isigqibo malunga nesibheno sangaphakathi okanye isigqibo esenziwe nguMlawuli okanye isigqibo sentloko leziko labucala.

9.3.8. Isikhokelo siyafumaneka kwiwebhusayithi ye-DRDAR ku-  
[www.drdar.gov.za/documents/policy/paia\\_guide\\_or\\_inforegulator.org.za](http://www.drdar.gov.za/documents/policy/paia_guide_or_inforegulator.org.za)

9.3.9. Amalungu oluntu anokuhlola okanye enze iikopi zeSikhokelo kwi-Ofisi eyiNtloko kunye nakuyo nayiphi na i-ofisi yeNgingqi ye-DRDAR.

## 10. IIREKHODI EZIGCINWE YI-DRDAR

Ngeenjongo zokuququzelela isicelo ngokwemiqathango yoMthetho, imixholo apho i-DRDAR ibambe iirekhodi kunye neendidi zeerekhodi ezigcinwe kumxholo ngamnye zezi zilandelayo:

### **Iofisi ka-MEC**

- Iirekhodi kwimiyalelo yezopolitiko enikezwe ngohlobo lweNtetho yoMgaqo-nkqubo

### **Isigqeba esiPhezulu kuLawulo**

- Iirekhodi malunga nemigaqo-nkqubo kunye nezinto eziphambili eziye zaguqulelwa zabazizitratheji

### **Iinkonzo ze-Corporate**

- Iirekhodi kuLawulo lwaBasebenzi, ulawulo lwesicwangciso-qhinga, iirekhodi zokuSebenza kweSebe umz. iMemorandum, iMizuzu yeSetyhula, amaXwebhu Gabalala kunye noLwazi ngeTekhnoloji

### **Ulawulo lwezemali**

- Iirekhodi malunga nokucwangciswa kwemali & nolawulo, ukubalwa kwemali, ulawulo lwee-asethi kunye nolawulo lokuthobela umngcipheko

### **Iinkonzo zoNxibelelwano**

- Iirekhodi kwiinkcukacha zentengiso zesebe

### **Iinkonzo zobunjineli**

- Iirekhodi malunga nezatifikethi ezikhutshwe kwiziseko zezolimo

### **Unakekelo loMhlaba**

- lirekhodi malunga nokuphunyezwa kweprojekthi zokunakekelwa komhlaba ukwenzela ukuphucula ulawulo oluzinzileyo lwezibonelelo zendalo - amaphulo okwazisa naqhutywa malunga nokunakekelwa komhlaba

### **Ulawulo lokusetyenziswa komhlaba**

- lirekhodi malunga nezicwangciso zokusetyenziswa komhlaba kunye nokungenelela kwiintlekele

### **Ukuhlala kwabalimi kunye noPhuhliso**

- lirekhodi ezinikezelweyo ngeziseko zezolimo ezifanelekileyo

### **Iinkonzo zoLwandiso kunye nezeNgcebiso**

- lirekhodi malunga neenkonzo zokwandiswa kunye neengcebiso ezinikezwa kumafama

### **Ukhuseleko loKutya**

- lirekhodi malunga nokungenelela kukhuseleko lokutya

### **Iinkonzo zezilwanyana**

- lirekhodi kwiingcebiso zobugcisa, inxaso kunye nokungenelela kuphuhliso lwemfuyo

### **Iinkonzo zoPhando kunye noPhuhliso lweTekhnoloji**

- lirekhodi kuphando lwetekhnoloji yezolimo

### **Ezoqoqosho kweZolimo**

- lirekhodi malunga namaqumrhu asebenzisanayo kwezolimo amiselweyo kunye nenkxaso enikeziweyo

### **Ezoqoqosho kwinqanaba elincinci kunye neeNkcukacha-manani**

- lirekhodi malunga nenkxaso enikezwe kuphuhliso lwezicwangciso zoshishino kunye nokufikelela kwiimarike

### **Imfundo kunye noQeqesho kwezoLimo eCwangcisiweyo**

- lirekhodi malunga nemfundo yezolimo kunye nenkxaso yoqeqesho enikwa amafama kunye nabanye abachaphazelekayo

### **Uphuhliso lwaseMaphandleni**

- lirekhodi malunga nokungenelela kuphuhliso kwasemaphandleni

Kwiwebhusayithi ye-DRDAR, [www.drdar.gov.za](http://www.drdar.gov.za), iirekhodi ziyafumaneka ukuze zijongwe okanye zidawunlowdwe ngaphandle kwesidingo sokuba umntu enze isicelo ngokoMthetho okhankanyileyo.

## 11. IIREKHODI ZE-DRDAR EZIFUMANEKA NGAPHANDLE KOKUBA UMNTU AFAKE ISICELO SOKUFIKELELA

Iirekhodi ezikwiwebhusayithi yePhondo leMpuma Koloni <https://www.ecprov.gov.za> ziyafumaneka ukuze zijongwe okanye zidawunlowdwe ngaphandle kwesidingo sokuba umntu enze isicelo ngokoMthetho okhankanyileyo.

Udidi	Uhlobo Loxwebhu	Iyafumaneka kwiWebhusayithi	Ifumaneka ngesicelo
Iindaba	- Iincwadi zeendaba kunye neengxelo	X	
Ulwazi ngokubanzi	- Iprofayile ka-MEC - Iprofayile ka-HOD - Ulwazi malunga neeprojekthi zeSebe - Isigunyaziso - Izithili kwiPhondo leMpuma Koloni	X	
Amajelo eendaba	- Iingxelo zeMidiya - Iifoto - Upapasho - Iintetho - Iividiyo	X	
Ukuthengwa kwempahla	- Amaxwebhu ebhidi - Iifomu	X	X
Umthombo woLwazi	- Iingxelo - Izicwangciso - Iifomu - Imigaqo-nkqubo	X	
Imisebenzi	- I-Internship kunye noQeqesho - Ilibhasari - Izithuba	X	

## 12.UKUJONGWA KWEENKCUKACHA ZOBUQU

### 12.1. Injongo yokuJongwa

I-DRDAR isebenzisa iinkcukacha zoBuqu eziphantsi konakekelo lwazo, ngokuhambelana nemimiselo ngezi ndlela zilandelayo:

- Ukujongwa kwereferensi kunye nokuhlolwa kwababoneleli beenkonzo kunye nabasebenzi abanokubakho.
- Ulawulo lwezivumelwano.
- Ukunikezela ngeenkonzo kubaxhamli bayo.
- Ukufumanisa kunye nokuthintela ubuqhetseba, ulwaphulo-mthetho, ukusetyenziswa kwemali ngokungekho semthethweni kunye nokunye ukungasebenzi kakuhle.
- Ukwenza uphando lweemarike okanye ukwaneliseka kwabathengi.
- Ulawulo lwabasebenzi.
- Ukugcinwa kwee-akhawunti kunye neerekhodi.
- Ukuthobela iimfuno zomthetho kunye nezolawulo.

### 12.2. Iindidi zeDatha yoMntu kunye neeNkcukacha zabo zoBuqu

Igama elithi idatha yoMntu libhekisa kumntu apho iinkcukacha zobuqu zinxulumene naye, oko kukuthi ababoneleli ngeenkonzo, abasebenzi, kunye nabalimi / abaxhamli, abasebenzi abanokubakho, zinokuba kwiirekhodi ezigcinwe yi-DRDAR:

Udidi lweDatha yoMntu	Iinkcukacha zoBuqu Ezijongwayo
Amafama: Umntu Wendalo	Amagama; iinkcukacha zoqhagamshelwano; iidilesi yendawo kunye neyeposi; umhla wokuzalwa; Inombolo ye-ID; ubuzwe; isini; imbalelwano eyimfihlo,
Amaqumrhu	Amagama abantu ekuqhagamshelwana nabo; igama lequmrhu elisemthethweni; idilesi yendawo kunye neyeposi kunye neenkcukacha zoqhagamshelwano; iinkcukacha ngezemali; inombolo yobhaliso;

	amaxwebhu okusekwa; iinkcukacha ezinxulumene nerhafu; abatyikityi abagunyazisiweyo; abaxhamli; abanini abaxhamla ekugqibeleni; iinkcukacha zezabelo; iinkcukacha ze-BBBEE
Ababoneleli Abanesivumelwano Beenkonzo	Amagama abantu ekuqhagamshelwana nabo; igama lequmrhu elisemthethweni; idilesi yendawo kunye neyeposi kunye neenkukacha zoqhagamshelwano; iinkcukacha ngezemali; inombolo yobhaliso; amaxwebhu okusekwa; iinkcukacha ezinxulumene nerhafu; abatyikityi abagunyazisiweyo; abaxhamli; abanini abaxhamla ekugqibeleni; iinkcukacha zezabelo; iinkcukacha ze-BBBEE
Abasebenzi	Isini; ukukhulelwa; ubume bomtshato; uhlanga; iminyaka yobudala; ulwimi; iinkcukacha ngezemfundo; iinkcukacha ngezemali; imbali yengqesho; inombolo ye-ID; idilesi yendawo kunye neyeposi; iinkcukacha zoqhagamshelwano; izimvo; ingxelo yolwaphulo-mthetho; intlalo-ntle, abaxhamli/ abaxhomekeke kubo.
Abafaki-sicelo/Abasebenzi abanokubakho	Isini; ubume bomtshato; uhlanga; iminyaka yobudala; ulwimi; iinkcukacha ngezemfundo; imbali yengqesho; inombolo ye-ID; idilesi yendawo kunye neyeposi; iinkcukacha zoqhagamshelwano; izimvo; ingxelo yolwaphulo-mthetho; intlalo-ntle.

### 12.3. Iindidi zabamkeli bokuJonga iiNkcukacha zoMntu

I-DRDAR inokwabelana ngeenkukacha zoMntu nabathathi-nxaxheba bayo kunye nemibutho esebenza nayo, abanokuzisebenzisa ukungenisa iDatha yoMntu kunye neenkukacha zeenkonzelo. I-DRDAR inokuchaza iinkcukacha zomntu kuye nabani na ethe yamgunyazisa okanye yadlulisela nawaphi na amalungelo okanye izibophelelo zayo kuye phantsi kwawo nawaphi na amalungiselelo/isivumelwano, kunye nakubaboneleli beenkonzo abanikeza ngezi nkonzelo zilandelayo:

- Ukuqokelela kunye nokuququzelela idatha;
- Ukugcina idatha;
- Ukuthumela ii-imeyile kunye nezinye imbalelwano kubathengi;

- Ukujonga izinto ezifanelekileyo umz. i-vetting, ukuhlolwa kwangaphambili kweziqinisekiso zemfundo;
- Ulawulo lweMedikhali Eyidi kunye nezoMhlala-phantsi.
